




Inkosikazi eyenziwe ngomthi

Southern African Folktale
isiXhosa



Kudaladala, kwakuhlala indoda eyayinezinto ezininzi – ifama enkulu etyebileyo, ineenkomo, iigusha neebhokhwe. Kodwa, njengoko yayikhula isiba ndala, yakhulelwa kukungonwabi, kuba yayinye into eyayingekho. Yaye ingenankosikazi.






Ime phantsi komthi ngenye imini, yaba nengcinga elungileyo. Ukuba ayide iyifumane inkosikazi, mhlawumbi ingazenzela.



Ngoko ke, yathathisa ukusebenza ibumba umfazi omhle esebeni elomeleleyo lomthi. Yakugqiba ukuwenza umfanekiso oqingqiweyo, yambamba amehlo aze avuleka. Wavuthela kancinane kuye, waphila.

Ngenene wayengoyena mfazi mhle
eyakhe yambona. Yaguqa phambi
kwakhe, yamcela ukuba abe yinkosikazi
yakhe.






Yampha ifasikoti enemibala emininzi, iintsimbi neringi yentloko, uphawu lomfazi otshatileyo. Kwaye yamakhela indlu yodaka nengca eyayidla ngokulala emazanzi esiqu somthi ayeqingqwe ngaso.

“Inye kuphela into endiyicela kuwe,” yatsho kunkosikazi yayo. “Ungaze uxelele nabani na apho uvela khona.”

Kodwa, phambi kokuba kube kudala, amadoda amancinane asuka kwilali ekufutshane baqala bathethana phakathi kwabo. “Kwenzeka njani na ukuba indoda endala ngolu hlobo ibe neyona nkosikazi intle?” Ngoko ke baqgiba kwelokuba bayibe ukuze bayithathe bayise kubuhlanti babo.





Indoda endala yayinentliziyo ekhathazekileyo. Yaziva ingenakho ukuphila ngaphandle kwakhe. Kodwa ke yacinga, “Mhlawumbi ukuba ndinento yakhe, andinakuziva ndilusizi?” Ngoko ke yathumela amahobe ayo ukuba amfumane, amculele azise into yakhe kuye.



Bakumfumana, bamculele ngolwimi
lweentaka:
Nkosikazi yomthi, nkosikazi yomthi,
Umhle ngaphezu kwakhe nabani na
Umyeni wakho usithumile ukuba size
nefasikoti yakho!

Wabanika ifaskoti yakhe, baze babhabha phezu kwentaba, phezu komlambo, emva kumyeni wakhe.
Wayibamba ifasikoti ebusweni bakhe, wakhe wathuthuzeleka okwethutyana.





Kodwa ukumkhumbula zange kuphele.
Waza kwakhona wathumela amahobe
akhe ukuba amculele:
Nkosikazi yomthi, nkosikazi yomthi,
umhle ngaphezu kwakhe nabanina.
Umyeni wakho usithumile ukuba sizise
iringi yakho yentloko!

Baza baphinda babhabha neringi
yentloko, uphawu lomfazi otshatileyo.



Yayibamba iringi yentloko, yaphefumlela
inkosikazi yayo kakhulu, ekude ebuhlanti
babanye abantu.

Emva kwethutyana yabiza amahobe akhe
kwakhona.

Yiyani kuye nicule,


Nkosikazi yomthi, nkosikazi yomthi,

Umhle kakhulu kunaye nabanina

Umyeni wakho usithumile ukuba sibuyise
ubomi bakho kwakhona!


Ngoko ke, bahamba ithuba lesithathu.
Bathi ngcu emagxeni akhe, njengoko
becula, intaka nganye yanqola iliso.
Ngokukhawuleza yajika kwakhona yaba
ngumfanekiso oqingqiweyo. Iinyawo
zakhe neengalo zawa phaya.
Kwalandela intloko yakhe.
Yaza yawa emhlabeni.





Umyeni wakhe wasisonga ngokucutha
isiqu sakhe seplanga emlanjeni.
Wammisa nengcambu zakhe emanzini.
Esondliwa lilanga nomhlaba, wamila
amagqabi kwakhona.

Xa umoya uvuthuza amagqabi
aphefumula phezulu.
Njengokuba umfazi esenza xa
ekhumbula umyeni wakhe.



Inkosikazi eyenziwe ngomthi

Writer: Southern African Folktale

Illustration: Jemma Kahn

Translated By: Ntombizodwa Gxowa-Dlayedwa

Language: isiXhosa



Listen on YouTube to another version of this story – Kamiyo of the River
<http://www.youtube.com/watch?v=li8tklflfMs>

© African Storybook Initiative, 2014



This work is licensed under a Creative Commons Attribution
(CC-BY) Version 3.0 Unported Licence

Disclaimer: You are free to download, copy, translate or adapt this story and use the illustrations as long as you attribute or credit the original author/s and illustrator/s.

Saide 
South African Institute
for Distance Education

www.africanstorybook.org
A Saide Initiative